basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

FEBRUWARI/MATSHI 2014

IMEMORANDAM

AMANQAKU: 100

Le memorandam inamaphepha ali-10.

ICANDELO A: IZINCOKO

UMBUZO 1

1.1 Isincoko esibalisayo.

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:

- Intshayelelo, isiqu nesiphelo.
- Umfundi ubalisa kwixesha eladlulayo.
- Ubalisa ngesiganeko esabangela ukuba abaleke.
- Umzekelo: kungenzeka ukuba wayehlaselwa ngootsotsi/ebaleka ekhaya eleqa ibhasi/othuswe yinto/mhlawumbi ubaleka amapolisa kungquzulwano olufana noqhankqalazo.

[Naziphi izimvo zomfundi ezisemxholweni ziya kwamkeleka.] **[50]**

1.2 Ukuba amanzi anokungabikho.

Isincoko esicamngcayo.

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:

- Umfundi ubeka izinto acinga ukuba zingenzeka xa enokungabikho amanzi.
- Ukubaluleka kwamanzi ebomini babantu nendalo ngokubanzi.
- Imizekelo: izifo, ubunzima kwizindlu zangasese, ukungahlambi, ukungatyi, ukungaseli, ukufa kwezityalo, izinambuzane nezilwanyana.

[Naziphi izimvo zomfundi ezisemxholweni ziya kwamkeleka.] **[50]**

1.3 Kowu-u! Iyabukeka ke indalo ...

Sisincoko esichazayo.

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:

- Umfundi uchaza ngobuhle bendalo jikelele.
- Ubuhle bayo obunyusa uqoqosho lwelizwe.
- Uncedo lwendalo: Umzekelo, ukutya, umoya esiwuphefumlayo, iimveliso zayo nokuzonwabisa.
- Ukusetyenziswa kwendalo ngamagcisa ukuphuhlisa izakhono zawo.
- Uchaza ngendalo engumntu, iintaba, ulwandle, imithi, izilwanyana, imozulu neentyatyambo.

[Naziphi izimvo zomfundi ezisemxholweni ziya kwamkeleka.] **[50]**

1.4 Oyena mntu ululutho ebomini bam.

Sisincoko esicamngcayo.

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:

- Umfundi ubhala ngomntu ongumzekelo ebomini bakhe.
- Ingangusaziwayo, ingangumzali wakhe, ummi wasekuhlaleni, utitshala wakhe, umntu wezopolitiko.
- Umntu lowo makabe nezinto ezinomtsalane kumfundi kwaye zibe nokumakha.

[Naziphi izimvo zomfundi ezisemxholweni ziya kwamkeleka.] **[50]**

1.5 Sisincoko esixoxayo.

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:

- Uthatha icala axoxele lona.
- Umfundi unika uluvo lwakhe ngamathala eencwadi kunye ne-Intanethi.
- I-intanethi nee-*e-book* zenza ubomi bube lula.
- Amathala eencwadi aluncedo kwabo bangafikeleliyo kwizixhobo zeteknoloji.

[Naziphi izimvo zomfundi ezisemxholweni ziya kwamkeleka.] **[50]**

1.6 Sisincoko esixoxayo.

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:

- Uthatha icala alixoxele.
- Umfundi unika uluvo lwakhe malunga nokubekwa kwabantu abatsha kwizikhundla eziphezulu.
- Uthetha ngeempawu zobunkokheli: Umzekelo:ukunyaniseka, ukuba nomqolo, ukuthobeka nokuba ngumzekelo.
- Utshintsho abanokuza nalo njengabantu abatsha.

[Naziphi izimvo zomfundi ezisemxholweni ziya kwamkeleka.] **[50]**

1.7 Sisincoko esibalisayo/esichazayo/esixoxayo/esicamngcayo okanye esivelela amacala omabini.

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:

- Umfundi ubhala ngokubaluleka kwemfundo.
- Uveza impumelelo eza nemfundo.
- Uthetha ngokubaluleka kwamathala eencwadi kwimfundo yanamhlanje.
- Uveza amahla ndinyuka endlela eya empumelelweni.
- Indlela ebuphucula ngayo ubomi babantu.

[Naziphi izimvo zomfundi ezisemxholweni ziya kwamkeleka.] **[50]**

1.8 Sisincoko esibalisayo/esichazayo/esixoxayo/esicamngcayo okanye esivelela amacala omabini.

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:

- Umfundi ubhala ngomba wokuphumelela unqandwe ziinkwenkwezi.
- Uthetha ngamahlandinyuka obomi odlula kuwo de uphumelele.
- Uvelisa izinto eziluncedo ekufikeleleni empumelelweni.
- Uvelisa ukubaluleka kokunganikezeli.
- Usenokuyivela ngokwecala lenkolo yobuKrestu.

[Naziphi izimvo zomfundi ezisemxholweni ziya kwamkeleka.] **[50]**

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

UMBUZO 2

2.1 INGXOXO

- Umfundi umela icala alikhethayo malunga nokuxhatshazwa kolutsha kwezi webhusayithi.
- Ubonisa ukulunga nokungalungi kwazo.
- Iindlela eziluncedo ngayo ekunxibelelaneni nokufumana ulwazi.
- Iindlela ulutsha olubangamaxhoba okuxhatshwazwa ngazo, umzekelo: Ukuphathwa kakubi (ukubhulishwa) koo*MXit nooFacebook*. **[30]**

2.2 ILETA EYA KUMHLELI

Umfundi makagqale ifomathi yokubhalwa kweleta eya kumhleli ngolu hlobo:

- Iidilesi zimbini, eyombhali neyomntu obhalelwayo.
- Isibuliso esifanelekileyo.
- Umcimbi engawo.
- Isiqu seleta.
- Isiphelo esifanelekileyo esinegama nefani. **[30]**

2.3 IRIVYU

- Ujolisa kumzi othile wokutya.
- Uncoma egxeka ezi zinto zilandelayo:
  Ucoceko, ukutya, inkonzo yabasebenzi, ukhuseleko lwabathengi, amaxabiso okutya. **[30]**

2.4 IMEMORANDAM

Umfundi makagqale ifomathi yokubhala imemorandam eyile:

- Iya kubani, ivela kubani?
- Umhla
- Isihloko somcimbi
- Umxholo mawube ngeengxaki ezibangelwa ziinkonzo zebhasi ezingahambi kakuhle.
- Izimeli magama nefani
- Isikhundla abhala ekuso. **[30]**

AMANQAKU ECANDELO B: 30

ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

UMBUZO 3

3.1 ISIBHENGEZO

Bhala isibhengezo-ntengiso sale ndlu.

- Islogani.
- Isihloko esitsala umdla.
- Iifonti ezahlukeneyo.
- Ixabiso lendlu.
- Inkcukacha ngamagumbi nobungakanani bomhlaba ekuwo.
- Indawo ekuyo. Umzekelo, iindawo ekufutshane kuzo ezinjengeevenkile, izikolo, ulwandle, izithuthi neendawo zokuzonwabisa.
- Iindlela zonxibelelwano nomthengisi. **[20]**

3.2 IPOSIKHADI

Umfundi makagqale ifomathi yeposikhadi eyile:

- Umntu obhalelwayo
- Idilesi nesibuliso
- Isiphelo negama lo mntu obhalayo.
- Umxholo mawuveze izinto ezinomdla azibonileyo efama. **[20]**

3.3 IZALATHISI

- Umfundi unika imiyalelo malunga nendlela elula emayithathwe ngulowo walathiswayo.
- Ucacisa indawo asukela kuyo, namacala amakaye ngakuwo, umz. ekhohlo okanye ekunene.
- Imiyalelo mayinikwe ngendlela elandelelana ngayo.
- Izihlomelo ezisetyenziswayo zezendawo.
- Uphuma eKomani SS School ujike ekunene, unqumle isitalato iZizi ulandele isitalato iKerk unqumle iVela.
- Kungenjalo, unqumla isitalato iZizi, ulandela iKerk, ujike ekhohlo ungene kwisitalato iSinda, uyokufika eLibrary.
- Ujika ekhohlo kwisitalato iBard unyuke ufike kwindlela enqamlezileyo ungene ekunene kwisitalato iLynn.
- Uhambe njalo udlule ngase*Post Office* esekhohlo kuwe.
- Ujike ngasekhohlo kwisitalato iSinda, ekunene lithala leencwadi. **[20]**

AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 100

ICANDELO A: IRUBRHIKI YOKUHLOLA ISINCOKO (50)

ISIQULATHO	Balaseleyo Khowudi 7 80–100%	Mfaneleko Khowudi 6 70–79%	Enomthamo Khowudi 5 60–69%	Anele Khowudi 4 50–59%	Phakathi Khowudi 3 40–49%	Buthathaka Khowudi 2 30–39%	Bubhetyebhetye Khowudi 1 0–29%
AMANQAKU	**26–32**	**22½–25½**	**19½–22**	**16–19**	**13–15½**	**10–12½**	**0–9½**
UYILO UMXHOLO/ UMONGO NOCWANGCISO **(32 AMANQAKU)**	Umxholo nocwangciso lokuceba ukuvelisa isincoko esingenamakhwiniba nesigqibeleleyo. Bonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko, iingcamango zivuthiwe, zixhokonxa iingcinga.	Umxholo ubonakalisa ukuchaneka kokutolikwa kwesihloko. Isicwangciso senze isincoko saphum' izandla, iingcamango zihlakaniphile zinomdla.	Umxholo ubonakalisa ukuchaneka kutoliko lwesihloko, izimvo zibhadlile. Isicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbadla.	Umxholo ubonakalisa isincoko esanelisayo, iingcamango ziqhelekile ziyasilela ngobunzulu. Isicwangciso, izimvo ziyanelisa.	Umxholo nocwangciso, izimvo kuzamekile noxa nje kusekho izikroba. Isiqulatho siqhelekile sinezikhewu kunamathelwano. Iingcamango uninzi lwazo lunxulumene.	Umxholo, izimvo nothungelwano lwazo kusenzima. Isicwangciso sintama ukungabekelelwa kakuhle. Iingcamango zinqongophele, soloko kuphindaphindwa.	Umxholo, uthungelwano zimvo kutenxile, isincoko asikho mxholweni kwaye akukho namathelwano. Iingcamango, uphindaphindo nokunwenwela kude kwisihloko.
	10–12	**8½–9½**	**7½–8**	**6–7**	**5–5½**	**4–4½**	**0–3½**
ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA **(12 AMANQAKU)**	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana ngokuchanekileyo nangokufezekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngempumelelo enkulu nangokufanelekileyo. Itekisi ayinazimposiso konke konke kuba kwenziwa uvavanyo-fundo nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana ngokuchanekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngokuchanekileyo. Itekisi engenama-khwiniba ngokupheleleyo kuba kwenziwe uvavanyo fundo nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana nesihloko kumaxa amaninzi. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe ngokuchanekileyo kumaxa amaninzi. Ubukhulu betekisi abunazimposiso kuba kwenziwe izivakalisi nemihlathi zakhiwe kakuhle.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana neemfuno zesihloko gabalala. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zilula, uchongo lwamagama lwanele.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zibusilela kunamathelwano. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi ziqhelekile kwaye zisetyenziswa ngokungachanekanga. Uchongo magama luphakathi. Itekisi ineziphoso ezininzi kuba kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihexa kakhulu. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe tenxileyo, uchongo magama luyahexa. Itekisi idlakadlaka ziimposiso nangona kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zibhetyebhetye kuzo zonke iinkalo. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe tenxileyo ngokugqithisileyo. Uchongo lwamagama luhexa kakhulu. Itekisi idlakadlaka ziimposiso kwaye ziyabhidisa nasemva kovavanyo-fundo nohlelo.
	5–6	**5**	**4**	**3–4**	**3**	**2**	**0–2**
ISAKHIWO: IMIHLATHI/ ZIVAKALISI/ ZIMVO NOBUDE **(6 AMANQAKU)**	Ubuchule nesakhono sokwakhiwo kwezivakalisi zinamathelene.	Izivakalisi nemihlathi zinongqine-lwano kwaye zahlukahlukene.	Izivakalisi nemihlathi zakhiwe kakuhle.	Izivakalisi nemihlathi zithande ukuba namakhwiniba kwiindawana ezithile, kodwa isincoko sona sinembadla.	Izivakalisi nemihlathi zineemposiso, kodwa iingcamango ziyalandeleka.	Izivakalisi nemihlathi zakhiwe buthathaka.	Izivakalisi nemihlathi zinobubhutyu bhutyu kwaye azingqinelani.

IZINCOKO ZIYA KUHLOLWA NGOLU HLOBO:

ISIQULATHO	AMANQAKU
A: UMONGO NOYILO	32
B: ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA	12
C: ISAKHIWO	6
AMANQAKU EWONKE	**50**

ICANDELO B: IRUBHRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHANA EMIDE (30)

ISIQULATHO	Balaseleyo Khowudi 7 80–100%	Mfaneleko Khowudi 6 70–79%	Enomthamo Khowudi 5 60–69%	Anele Khowudi 4 50–59%	Phakathi Khowudi 3 40–49%	Buthathaka Khowudi 2 30–39%	Bubhetyebhetye Khowudi 1 0–29%
AMANQAKU	**16–20**	**14–16**	**12–13**	**10–12**	**8–9**	**6–7**	**0–5**
UMONGO, UYILO NEFOMATHI **(20 AMANQAKU)**	Umxholo, nocwangciso bubonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko.	Umxholo, ubonakalisa ukuchaneka kokutolikwa kwesihloko. Isicwangciso senze isincoko saphum' izandla.	Umxholo ubonakalisa ukuchaneka kutoliko lwesihloko, izimvo zibhadlile. Isicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbadla.	Umxholo, isicwangciso, izimvo konke kuyanelisa.	Umxholo nocwangciso, izimvo kuzamekile noxa nje kusekho izikroba.	Umxholo, izimvo nothungelwano lwazo kusenzima. Isicwangciso sintama ukungabikho kwenkathalo.	Umxholo, uthungelwano zimvo kuyingxaki enkulu. Isicwangciso asibonisi ngqiqo kwaye sixazalala.
	8–10	**7–8**	**6–7**	**5–6**	**4–5**	**3–4**	**0–2**
ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA **(10 AMANQAKU)**	Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kugqwesile. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude kugqwesile.	Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kukwizinga eliphakamileyo. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude kuphakamile kakhulu.	Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuyancomeka. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude kukwizinga eliphakathi.	Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuyanelisa. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude uyanela.	Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuzamekile. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude sizamekile ukuphuhla.	Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kusenzima. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude asiphuhlanga ncam.	Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kunzima kakhulu. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude asiphuhlanga kwaphela.

IMIHLATHI EMIDE IYA KUHLOLWA NGOLU HLOBO:

ISIQULATHO	AMANQAKU	ISITSHIXO
A: Umongo, uyilo nefomathi	20	Mong. =
B: Ulwimi, isimbo nokuhlela	10	Lwim, Simb noHlel =
AMANQAKU EWONKE	**30**	

ICANDELO C: IRUBHRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHANA EMIFUTSHANE (20)

ISIQULATHO	Balaseleyo Khowudi 7 80–100%	Mfaneleko Khowudi 6 70–79%	Enomthamo Khowudi 5 60–69%	Anele Khowudi 4 50–59%	Phakathi Khowudi 3 40–49%	Buthathaka Khowudi 2 30–39%	Bubhetyebhetye Khowudi 1 0–29%
AMANQAKU	**10–13**	**9–10**	**8–9**	**7–8**	**5–6**	**4–5**	**0–3**
UMONGO, UYILO NEFOMATHI **(13 AMANQAKU)**	Umxholo, nocwangciso bubonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko.	Umxholo, ubonakalisa ukuchaneka kokutolikwa kwesihloko. Isicwangciso senze isincoko saphum' izandla.	Umxholo, ubonakalisa ukuchaneka kutoliko lwesihloko, izimvo zibhadlile. Isicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbadla.	Umxholo, isicwangciso, izimvo konke kuyanelisa.	Umxholo nocwangciso, izimvo kuzamekile noxa nje kusekho izikroba.	Umxholo, izimvo nothungelwano lwazo kusenzima, Isicwangciso sintama ukungabikho kwenkathalo.	Umxholo, uthungelwano zimvo kuyingxaki enkulu; isicwangciso asibonisi ngqiqo kwaye sixazalala.
	6–7	**4–5**	**4**	**3–4**	**3**	**2**	**0–2**
ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA **(7 AMANQAKU)**	Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kugqwesile. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude kugqwesile.	Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kukwizinga eliphakamileyo. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude kuphakamile kakhulu.	Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuyancomeka. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude kukwizinga eliphakathi.	Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuyanelisa. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude kuyanelisa.	Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuzamekile. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude sizamekile ukuphuhla.	Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kusenzima. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude asiphuhlanga ncam.	Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kunzima kakhulu. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude asiphuhlanga kwaphela.

IMIHLATHI EMIDE IYA KUHLOLWA NGOLU HLOBO:

ISIQULATHO	AMANQAKU	ISITSHIXO
A: Umongo, uyilo nefomathi	13	Mong. =
B: Ulwimi, isimbo nokuhlela	7	Lwim, Simb noHlel =
AMANQAKU EWONKE	**20**	